

INDLELA ENTSHA YOKUSEBENZA KWEEMITHA ZAMANZI UKUSUSELA KWEYEKHALA 2021



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.

ISixeko saseKapa siyijongisisile indlela yaso yokusebenza kweemitha zamanzi asekhaya, kwaye siza kuqalisa inkqubo entsha ngokwezigaba ukususela kweyeKhala 2021. Oku kuye kwaya eluntwini ukuze luvakalise izimvo zalo kwaye kwaphunyezwa liBhunga nje ngenxalenye yohlahlolwabiwo mali lowama2021/22.

Ekuhambeni kwexesha, xa iimitha ezinezixhobo zolawulo lwamanzi (WMD) ezinciphisa umthamo wokusetyenziswa kwamanzi mihla le ziphelelewe lixesha lazo, kuza kungena endaweni yazo iimitha eziqhelekileyo. Ubuchwepheshe obusetyenziswe kwiimitha zamanzi eziqhelekileyo bungahlanganiswa ngokulula kwisicwangciso-buchule esingemitha sexesha elide seSixeko, ekuya kuthi kuxhamle kuso abaxumi.

Iimitha zeWMD ezishiyekileyo koovimba beSixeko ziza kufakelwa apho kufuneka kutshintshwe iimitha khona, kodwa ziya kumiselwa ukuba zingakuthinteli ukuhamba kwamanzi, ngexesha leenguqu.

Kwezi nyanga zizayo iiWMD esele zisetyenziswa ziya kumiselwa ukuba zingakuthinteli ukuhamba kwamanzi. Onke amakhaya angathathi ntweni abhalisiweyo aza kufumana isibonelelo esifikelela kuma15 000 ekhilolitha (15 kl) zamanzi ngenyanga simahla. Akusayi kubakho zindleko zogutyulo (eziqhele ukubalwa kwi70% yeendleko zamanzi). Esi sesona sibonelelo sikhulu esinikezelwa ngaphandle kwentlawulo kumakhaya angathathi ntweni kwilizwe.

ABANTU ABAFANELE UKUFUMANA KWIZIBONELELO ZABANGATHATHI NTWENI

IiWMD esele zisetyenziswa zimiselwe ukuba zingakuthinteli ukuhamba kwamanzi ukuqala kweyeKhala 2021 ukuya phambili. Oku akuyi kwenzeka ngaxeshanye kuzo zonke iimitha, kuza kwenziwa ngokwezigaba. Abaxumi baya kwaziswa xa ubume beemitha zabo butshintshiwe.

Abaxumi kuza kufuneka bagcine umlinganiselo wabo wokusebenzisa amanzi uzilitha ezili15 000 ngenyanga (umyinge weelitha ezingama 500 ngosuku), njengoko kuphunyeziwe liBhunga.

Ukuba ukusetyenziswa kwamanzi kwipropati yokuhlala kungaphezulu kweelitha ezili1 500 ngenyanga (umyinge weelitha ezingama 500 ngosuku), kangangeenyanga ezimbini ezilandelelanayo kuya kuthunyelwa incwadi yesilumkiso echaza ukuba ukusetyenziswa kwamanzi kwehliswe kuye kumlinganiselo omiselweyo kwinyanga elandelayo.

Ukuba ukusetyenziswa kwamanzi, kungaphezulu kweelitha ezili1 500 ngenyanga (umyinge weelitha ezingama 500 ngosuku), nakwinyanga yesithathu elandelayo, nangona bekukhutshwe incwadi yesilumkiso, kuya kuthi kufakelwe iidiski ephungula ukuhamba kwamanzi kwimitha ukuze ubonelelo lwamanzi luhambe kancinci.

Ezi diski zenzelwe ukuba zivumele ukusetyenziswa kweelitha ezingama6000 (6 kl) ngenyanga kwipropati nganye, ngokuhambelana nolwabiwo olusisiseko lwasimahla ngokwemiqathango yezamanzi yesizwe eMzantsi Afrika. Le diski iyakuthi ihlale iinyanga ezili12 ezilandelelanayo. Emva kweenyanga ezili12, idiski iya kusiswa kwaye inkqubo efanayo yokusetyenziswa kwamanzi kwipropati iya kuqala ngokutsha kwakhona.

Abaxumi abagqithileyo kumlinganiselo wokusetyenziswa kwamanzi baya kwaziswa kwamsinya kunyakamali omtsha (ukususela kweyeKhala 2021) ukuqinisekisa ukuba banolwazi ngeenkqubo ezintsha. Baya kunikwa nexesha lokucutha umlinganiselo wabo wokusebenzisa amanzi kwimijikelo emibini yokuqala yokukhutshwa kwamatyala ekufuneka ehlawulwe kunyakamali omtsha ngaphambi kokuba bathunyelelwe incwadi zesilumkiso.

Nanje ngoko ukuvuza kwemibhobho yamanzi kumakhaya abucala kuza kubalwa yimitha nje ngenxalenye yokusetyenziswa kwamanzi, abanini bepropati kufuneka bathathe amanyathelo ngokukhawuleza ukulungisa ukuvuza kwemibhobho. Amakhaya kufuneka ajonge imbalelwano yamatyala rhoqo ngenyanga kunye nomlinganiselo wamanzi asetyenzisiweyo ngenyanga nganye ukubona ukuba awonyukanga kakhulu na, nanje ngoko oko kuza kunceda ukubona kwamsinya ukuba kukho ukuvuza ngaphantsi komhlaba (iSixeko siza kunceda ngokulungisa kube kanye ukuvuza kwemibhobho kwipropati yabangathathi ntweni ukuba oku akungazange kwenziwe ngaphambili). Jonga isikhokelo esithi 'find and fix' apha www.capetown.gov.za/savewater

ABANTU ABAFIKELELAYO

Abanye abaxumi abafikelelayo baneemitha ekungenzeka ukuba zinezithintelo zokuhamba kwamanzi. Ukususela kweyeKhala 2021, ezi WMD ziya kumiselwa ukuba zingakuthinteli ukuhamba kwamanzi. Abaxumi baya kwaziswa xa iSixeko siceba ukwenza olo tshintsho nanje ngoko abanini makhaya/abaqeshi bezindlu baya kuba noxanduva lokuhlawula amaxabiso amiselweyo awo onke amanzi asetyenziswa kwipropati yabo.

Kubalulekile ukukhumbula ukuba abaxumi abafikelelayo abanee-akhawunti ezisematyaleni ngenxa yokungahlawulwa kweenkonzo zikamasipala kufuneka bahlawule amatyala abo ngokupheleleyo okanye benze izicwangciso zokuhlawula amatyala abo xa bephendula kwiincwadi zezilumkiso zokungahlawuli amatyala. Ukusilela ukwenza njalo kuya kukhokelela ekubeni unikezelo lwamanzi luthintelwe okanye lucuthwe ukuze luhambe kancinci kusetyenziswa idiski ephungula ukuhamba kwamanzi. Oku kuhambelana nenkqubo yakutsha nje yolawulo lwamatyala kuMgaqonkqubo weSixeko ongoLawulo lwaMatyala nokuQokelelwa kweziKweliti.

SEBENZISA AMANZI NGOBUNONO



Uluntu luyakhuthazwa ukuba luthathele ingqalelo ukusetyenziswa kwamanzi nje ngenxalenye yemizamo yethu yokugcina inqanaba elizinzileyo lokusetyenziswa kwamanzi.

Abanini beendawo zokuhlala ezinabaqeshi (kubandakanywa abanini makhaya abanabanxusi) mababek'iliso kumlinganiselo uwonke wokusetyenziswa kwamanzi kwipropati zabo, kwaye baqinisekise ukuba uhlala ungaphantsi komlinganiselo omiselweyo. Olu luxanduva lomni propati.

Ukufumana izikhokelo eziluncedo malunga nokonga amanzi, ukubona nokulungisa iindawo ezivuzayo kunye nokusebenzisa amanzi amdaka ngokukhuselekileyo, jonga apha: www.capetown.gov.za/savewater

INDLELA YOKUFUNDA IMITHA YAMANZI

Akukho nzima ukufunda imitha yamanzi. Vula ibhokisi yakho yemitha yamanzi - imitha yakho iza kubonakala nje ngenye yeentlobo ezimbini ezisetyenziswayo eKapa. Zombini zibhala iinkcukacha ezifanayo kodwa ngeendlela ezahlukileyo.



JONGA INDLELA OSEBENZISA NGAYO AMANZI UKUZE UYILAWULE NGCONO

Jonga amanani akwimitha yakho ukuze ubone ukuba usebenzisa amanzi angakanani okanye ujonge ukuba akukho ndawo evuzayo na. Kwimitha enezangqa, umthamo omncinci ubonakaliswa ngeelitha okanye iimililitha. Kwimitha enamanani kuphela, jonga ngasekunene kuluhlu lwamanani, apho kubonakaliswe iilitha (eyesibini ukusuka ekunene) kunye neemililitha (ngasekunene). Jonga ukuba amanani onyuka kangakanani rhoqo ngeveki okanye ngenyanga. Ukubona ukuba akukho ndawo evuzayo, vala zonke iindawo ezisebenzisa amanzi endlwini wandule ujonge ukuba athini amanani akwimitha yakho. Linda kangangemizuzu eli15, uze emva koko ujonge amanani akwimitha yakho kwakhona. Ukuba amanani onyukile, oko kuthetha ukuba kukho indawo evuzayo.

XELA ZONKE IIMITHA EZAPHUKILEYO OKANYE EZONAKELEYO

Nge-intanethi: www.capetown.gov.za/servicerequests

I-imeyile: Wastewise.User@capetown.gov.za

SMS: 31373, unike indawo kunye nenombolo yefowuni ngeekharekthazi eziyi 160

Tsalela ku: 0860 103 089

Ndwendwela iziko loncedo: www.capetown.gov.za/facilities

Ukuba iziko loncedo ngeminxeba lisaxakekile, nceda uzame enye yeendlela zokuxela ezi ngxaki.



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.